



It starts with a story...

## Literacy in a nutshell!

Each year on 8 September the world celebrates International Literacy Day. On this day we think about the role that reading and writing plays in our lives and we remember that there are 785 million people across the world who are not literate. Here are 10 important things about literacy that we'd like to share with you.

## Undoqo ngelitheresi!

Nyaka ngamnye ngomhla we-8 kweyoMsintsi ihlabathi libhiyozela uSuku lweLitheresi lwaMazwe ngaMazwe. Ngolu suku sicinga ngendima edlalwa kukufunda nokubhala ebomini bethu kwaye sikhumbula nokuba kukho abantu abazizigidi ezingama-785 kwihlabathi ngokubanzi abangakwaziyo ukufunda nokubhala ngokukuko. Nazi izinto ezili-10 ezibalulekileyo malunga nelitheresi esinqwenela ukwabelana nawe ngazo.

1

**In South Africa, only 14% of us are active book readers and only 5% of all parents read to their children.**

EMzantsi Afrika, ziipesenti ezili-14 nje kuphela zabantu abafunda rhoqo iincwadi ze ibe ziipesenti ezi-5 kuphela zabazali ababafundelayo abantwana babo.



6

**Hearing new words used in stories develops children's vocabulary and gives them rich language to draw from when they write their own stories.**

Ukuva amagama amatsha asetyenziswe emabalini kuphuhlisa isigama sabantwana kwaye kutyebisa nolwimi abalusebenzisayo xa bezibhalela awabo amabali.



2

**Young children learn to read and write easily when they know that reading and writing are useful and enjoyable activities. For this to happen, they need lots of experiences with stories and books.**

Abantwana abancinane bakufunda lula ukufunda nokubhala xa besazi ukuba ukufunda nokubhala zizinto eziluncedo nezonwabelekayo xa zisenziwa. Ukuze kwenzeke oku, kufuneka bafumane amava amaninzi kangangoko okuhlangana kunye namabali neencwadi.



7

**As adults we always write for real reasons: to write a shopping list, to leave a note for someone, to fill in forms, to create a story. As children learn to write, they learn why we write as well as how to write.**

Njengabantu abadala sisoloko sibhalela ukuphumeza izinto ezibonakalayo xa: sibhala uluhlu lwezinto esiza kuzithenga, sishiyela omnye umntu umyalezo, sigwalisa amaxwebhu ezicelo, siqamba ibali. Xa abantwana befunda ukubhala, bafunda isizathu sokuba sibhale kwakunye nendlela ekubhalwa ngayo.

3

**When you read aloud to children and they enjoy the story, they see reading as a satisfying and enjoyable activity. This motivates them to want to read for themselves. It also encourages them to have a lifelong relationship with books.**

Xa ufundela abantwana ngokuvakalayo kwaye belonwabele ibali, bakubona ukufunda njengento eyonelisayo neyonwabelekayo xa uthe wayenza. Oku kubakhuthaza ukuba bafune ukuzifundela. Kananjalo kubakhuthaza ukuba bazakhele ubudlelwana banaphakade neencwadi.



8

**Children are able to understand and enjoy stories that are beyond their own reading ability when they hear them read aloud.**

Abantwana bayakwazi ukuwaqonda nokuwonwabela amabali abangakwaziyo bona ukuzifundela ngokwabo xa bewamamele efundwa ngokuvakalayo.



4

**Children learn from your example. If you want them to become literate, they need to see you using reading and writing in different ways in your daily life.**

Abantwana bafunda ngomzekelo owusekayo wena. Ukuba ufuna bakwazi ukufunda nokubhala ngokukuko, kufuneka bakubone usebenzisa ukufunda nokubhala ngeendlela ezohlukileyo ebomini bakho bemihla ngemihla.



9

**You can't learn to read if you don't have anything to read, and you can't learn to write if you don't have anything to write with or on! Children need to be able to easily find books that interest them, and paper, pencils and crayons to write and draw with.**

Awukwazi ukufunda ukufunda xa ungenayo into yokufunda, kwaye awukwazi ukufunda ukubhala xa ungenayo into oza kubhala ngayo okanye ubhale kuyo! Abantwana kufuneka bakwazi ukuzifumana lula iincwadi abanomdla kuzo, kunye nephepha, iipensile kunye neekhrayoni abaza kubhala okanye bazobe ngazo.

5

**Reading aloud shows children how we read and how books work. Knowing this makes it much easier for them to learn to read for themselves.**

Ukufunda ngokuvakalayo kubonisa abantwana indlela esifunda ngayo neendlela ezisebenza ngayo iincwadi. Ukwazi oku kwenza kube lula kakhulu kubo ukufunda ukuzifundela.



10


**Children who are good readers at school, are often the ones who read with family and friends after school.**

Abantwana abafunda kakuhle esikolweni, isoloko ingabo bafundayo neentsapho zabo kunye nabahlobo babo ukuphuma kwesikolo.



Drive your imagination

Read to me. Book by book.  
Ndifundele. Incwadi nencwadi.





Drive your imagination

## Story stars



### A reading ambassador

At 13 years old, Ammaarah Galant is the Public Relations Officers for the Young Authors' Club in Cape Town, where she has been a member since 2011. We asked Ammaarah why she loves reading and why she thinks all children should join a reading club.

#### What made you join the Young Authors' Club?

I used to watch the members of the Young Authors' Club – YACCERS – perform at our assemblies. They would sing, dance, read aloud and recite poems with lots of expression, and it excited me! That made me eager to join.

#### Tell us about the club.

We are a reading club that wants to promote literacy – listening, speaking, reading and writing. Reading is a life skill you carry with you – you need it to do lots of things. At the club we get to develop our writing so that we can become authors one day if we want to.

#### What do you do at the club?

We discuss poetry, dramatise stories and write our own stories. Once we did an activity where we had to pick an object and write about it. We choose things from the news and talk and write about these events.

#### How often do you read? Where do you get your books?

I try to read as much as I can. As soon as I finish a book, I start another, usually every three weeks. I either get my books from our club or from the library.

#### What is your favourite book and author?

I love *Judy Moody's Not a Bummer Summer* by Megan McDonald. I can relate to it because I'm also a teen. I've read it three times! I also love books by Roald Dahl. He is wickedly funny. He writes about things that are not normal – but in a good way.

#### Why do you love reading?

It transports me to an amazing place. It relieves me from the stress we have as teens.



Ammaarah Galant with famous children's author, Niki Daly, and Brenda Rhode  
U-Ammaarah Galant kunye nombhali wodumo weencwadi zabantwana, uNiki Daly, kunye noBrenda Rhode

## Iimbilasane zamabali

### Unozakuzaku ofundayo

Eminyaka nje ili-13 ubudala, u-Ammaarah Galant liGosa loNxibelelwano noLuntu leYoung Authors' Club eKapa, nalapho abe elilungu khona ukususela ngowama-2011. Sibuze u-Ammaarah ukuba kutheni ethanda ukufunda kwaye kutheni ecinga ukuba bonke abantwana kufuneka bezimanye neklabhu yokufunda.

#### Yintoni eyakwenza wajoyina iYoung Authors' Club?

Ndandidla ngokubukela amalungu eYoung Authors' Club – YACCERS – edlala emigceni. Babecula, baxhente, bafunde ngokuvakalayo okanye bacengeleze imibongo bebonakalisa imvakalelo, kwaye oko kwakundenza ihlombe kanobom! Oko kwandenza ndalangazelela ukujoyina.

#### Khawusixelele ngale klabhu.

Siyiklabhu yokufunda efuna ukuxhasa ilitheresi – ukumamela, ukuthetha, ukufunda kunye nokubhala. Ukufunda sisakhono sobomi esihlala isesakho – uyasinga ukuze wenze izinto ezininzi. Kule klabhu siphuhlisa ukubhala kwethu ukuze sibe ngababhali ngenye imini ukuba sifuna ukulandela elo khondo.

#### Nenza ntoni kule klabhu?

Sixoxa ngemibongo, senze imidlalo yeqonga esekwe kumabali ze sibhale nawethu amabali. Ngenye imini senza umdlalwana apho kwakufuneka sichonge nokuba yintoni na ze sibhale ngayo. Sachonga izinto ezisuka ezindabeni saze sathetha kwaye sabhala ngezo ziganeko.

#### Ufunda kangakanani? Uzifumana phi iincwadi zakho?

Ndizama ukufunda kangangoko ndinakho. Ndithi ndiyigqiba incwadi ndibe ndiqala enye, oko kudla ngokwenzeka rhoqo emva kweeveki ezintathu. Iincwadi zam ndizifumana kwiklabhu yethu yokufunda okanye kwithala leencwadi.

#### Ithini eyona ncwadi uyithandayo kwaye ingubani oyena mbhali umthandayo?

Ndithanda incwadi esihloko sithi, *Judy Moody's Not a Bummer Summer* ebhalwe nguMegan McDonald. Ingathi ithetha ngam kuba nam ndiyafikisa. Sele ndiyifunde amatyeli amathathu! Kananjalo ndiyazithanda iincwadi zikaRoald Dahl. Unendlela yakhe yokuhlekisa. Ubhala ngezinto ezingaqhelekanga – kodwa ngendlela apha emnandi nehlekisayo.

#### Kutheni uthanda ukufunda?

Kundithatha kundise kwindawo emangalisayo. Kuthomalalisa unxunguphalo noxinzelelo esiphantsi kwalo njengabantu abafikisayo.



### Send us your reading moments and WIN!

Take a photo of your children reading for enjoyment this International Literacy Day and send it to us to inspire others to capture their children's reading moments too. Simply email your reading moment picture to [info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org), or share it on Twitter using the hashtag #ReadingMoments. If selected, your photo will appear on the Nal'ibali Facebook page, and you will receive a book to enjoy with your children, as well as a Nal'ibali T-shirt!

### Sithumelele amaxeshana okufunda akho uze UPHUMELELE!


Fota abantwana bakho befundela ukuzonwabisa ngolu Suku lweLitheresi lwaMazwe ngaMazwe uze usithumelele yona ukuze ivuselele abanye bafote awabo amaxeshana okufunda nabantwana babo. Thumela nge-imeyili umfanekiso wamaxeshana akho okufunda kule dilesi: [info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org), okanye wabelane nabanye ngawo ku-Twitter usebenzisa i-hashtag #Reading Moments. Ukuba ukhethiwe, umfanekiso wakho uya kupapashwa kuFacebook wethu wakwaNal'ibali, kwaye uya kufumana incwadi onokuyonwabela nabantwana bakho kwakunye nesikipa sakwaNal'ibali!

#### Create your own cut-out-and-keep book

1. Take out pages 3 to 6 of this supplement.
2. Fold it in half along the black dotted line.
3. Fold it in half again.
4. Cut along the red dotted lines.

#### Zenzele eyakho incwadana onokuyisika-ze-uyigcine

1. Thatha iphepha lesi-3 ukuya kwelesi-6 kolu hlelo.
2. Wasonge phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
3. Phinda uwasonge phakathi.
4. Sika kwimigca yamachaphaza abomvu.



“Ngoku ke singagoduka nayo,” watsho uGaps.  
 UGaps wayisusa incwadi phezu kwentloko  
 yengabangaba wayisa kwidesika kasothala.

“Now we can take it home,” said Gaps.  
 Gaps lifted the book off the egret’s head and  
 took it to the librarian at her desk.



Wancuma uGaps. “Kufuneka uyivule incwadi,”  
 watsho yena.  
 “Ewe, ndiyazi,” latsho ingabangaba. Layivula incwadi  
 leyo laza laphinda layithwala entloko ivuliwe. “Ewe,  
 ingcono kakhulu ke ngoku,” latsho lona.

Gaps smiled. “You must open the book,” he said.  
 “Yes, I know that,” said the egret. He opened the book  
 and put it back on his head. “Yes, it’s much better this  
 way,” he said.



Fold



We publish what we like

This is an adapted version of *I know that!*, published by Jacana Media and available in bookstores and on-line from [www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za). This story is available in isiZulu, isiXhosa, Afrikaans, English, Siswati, Xitsonga, Tshivenda and isiNdebele. Jacana publishes books for young readers in all eleven official South African languages. To find out more about Jacana titles go to [www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za).

Funda ibali eliyintsusa elithi, *Ndiyazi!*, elishicilelwe yi-Jacana Media kwaye elifumaneka ezivenkileni zeencwadi nakwi on-line ku [www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za). Eli bali likwafumaneka ngesiZulu, ngesiNgesi, nge-Afrikaans, ngeSiswati, ngeXitsonga, ngeTshivenda nangesiNdebele. I-Jacana ishicilela iincwadi zabafundi abaselula ngazo zonke iilwimi ezivunyiweyo ezilishumi elinanye zaseMzantsi Afrika. Ukuze ufumane iinkcukacha ezigcweleleyo ngeetayitile ze-Jacana yiya ku: [www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za).

© Jacana Media (South African rights only) Tel: (011 628 3200)

Nal’ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children’s potential through storytelling and reading. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



UNal’ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukozonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ngeenkukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)

# I know that! Ndiyazi!



Maryanne Bester  
Shayle Bester




Fold

“How do I look?” he asked.  
 No, it didn't look delicious  
 at all! So he put the book  
 on his head.  
 Hayi, yayingkhangeleki  
 imandi kwaphela!  
 Lasuka layithwala entloko  
 incwadi leyo.  
 “Ndiyanzi?” labuza.



Then he tapped it with his beak.  
 Laza layixhola ngomlomo walo.



The egret sniffed the book.  
 Ingabangaba layiloqo  
 incwadi leyo.



“Where are you going?” asked the youngest cattle egret.  
 Gaps, the Nguni calf, was walking fast. “I’m going to the library,” he said.

“Uyaphi?” labuza elona ngabangaba lincinane kulawo achoba amakhalane ezinkomeni.

UGaps, ithole lohlobo lweNguni, wayekhawuleza kakhulu. “Ndiya kwithala leencwadi,” utshilo yena.



“How much does the book cost?” asked the egret.  
 “We don't have to pay for it. We can borrow books from  
 the library. When we've read them, we bring them back.”  
 “I know that,” said the young cattle egret.  
 Gaps said nothing – he didn't want the egret to feel bad.  
 “Kxabisisa malini le ncwadi?” labuza ingabangaba.  
 “Asiyihlawuleli mali. Singaziboleka iincwadi kwithala  
 leencwadi. Xa sele sizifundile, sizibuyise.”  
 “Ndiyazi,” latsho ingabangaba elincinane kulawo  
 achoba amakhalane ezinkomeni.  
 Wathi cwaka uGaps – wayengafuni ukuba  
 ingabangaba likhathazake.



The youngest egret flapped his wings. “More books! I want more books ... and I know just where to find them!”

“How did I know you'd say that?” laughed Gaps.

Ingabangaba elincinane laphakuzelisa amaphiko alo.  
 “Ezinye iincwadi! Ndifuna ezinye iincwadi ... kwaye ndazi  
 ngqo apho ndiza kuzifumana khona!”

“Ndaze njani ukuba uza kutsho njalo?” wahleka uGaps.

And so they went home. Gaps sat down on the crest of a hill, and put the book down next to him. The egret was excited and he jumped onto the book. Before Gaps could stop him he slid down the hill and landed in a thorn tree!

Baza ke ngoko bagoduka. UGaps wahlala phantsi! Iatsebela encwadini. Phambi kokuba uGaps alingande labeseliqengeleka lishila ngenduli laya kuthi ngcu phezulu komthi womnga!



Then suddenly, Gaps closed the book.  
 "No, don't stop," said the egret. "I don't know how it ends."  
 "You DON'T know?" said Gaps. "Let's read on then!" And he read right until the end of the story.



Ngephanyazo, uGaps wayivala incwadi.  
 "Hayi musa ukuyivala," latsho ingabangaba. "Andilazi ukuba liphela njani na."  
 "AWULAZI?" watsho uGaps. "Masiqhuba ke sifunde!" UGaps wafunda de wafikelela esiphelweni sebali.

"Yima," watsho uGaps. Ingabangaba laqwalasela uGaps esolula ingalo ekhupha incwadi eshelufini. Wayinika ingabangaba.



"Wait," said Gaps. The egret watched Gaps reach up and pull a book off a shelf. He gave it to the egret.

"Oh, the library... Will we find some delicious insects there?" The young egret loved to eat the insects that were kicked up by the calf's hooves.

"The library is where we find books to read," said Gaps.  
 "I know that," said the egret.

Gaps said nothing – he didn't want the young egret to feel bad.

"Awu, kwithala leencwadi... Singazifumana ezinye izinambuzane ezimnandi phaya?" Ingabangaba elincinane lalikhuthanda ukutya izinambuzane eziphakanyiswe kukukhatywa ziimpuphu zethole.

"Kaloku kwithala leencwadi kulapho sifumana khona iincwadi zokufunda," watsho uGaps.

"Ndiyazi," latsho ingabangaba.

Wathi cwaka uGaps – wayengafuni ukuba ingabangaba elincinane likhathazeke.



When the young egret went inside, he saw what looked like stripes on the walls. Gaps was walking around, peering at the stripes. They didn't look delicious at all.

"What beautiful stripes," said the egret at last. "Can we go home now?"

Lithe xa ingabangaba elincinane lingena kwithala leencwadi, labona into efana nemigca ezindongen! UGaps yena wayehambamba, elunguza kule migca. Yayingabonakali imandi nakanye le migca. "Yamihle le migca," latsho ingabangaba ekugqibeleni. "Singagoduka ke ngoku?"



The egret hurried along beside Gaps. Perhaps, he thought, these books would taste even better than insects.

Soon they reached the library.

Ingabangaba lakhawuleza nalo ecaleni kukaGaps. Mhlawumbi, lacinga ukuba ezi ncwadi ziza kunambitheka ngcono kunezinambuzane.

Kungekudala bafika kwithala leencwadi.

Fold

"Kufuneka uzinophela incwadi," watsho uGaps. "Ndiyazi," latsho ingabangaba. "Andikhange ndiwasuse amehlo am kuyo nditsho nomzuzu omnye." UGaps waba nesingqala kodwa akathetha nto.



"You must take care of books," said Gaps. "I know that," said the egret. "I didn't let it out of my sight for a minute." Gaps sighed, but he said nothing.

He picked up the book and began to read aloud. The egret listened as Gaps read a story about things he had never heard of. He read about magical creatures, great feasts and daring journeys.



Waphakamisa incwadi leyo waza waqalisa ukufunda ngokuvakalayo. Ingabangaba laphulaphula njengokuba uGaps efunda ibali elingezinto elingazange laziva ngaphambili. Wafunda ngezidalwa zemilingo, imisitho emikhulu kunye neehambo zodelongozi.

Fold

## Get creative!

Here are a few activity ideas for celebrating International Literacy Day and National Book Week which runs from 1 to 6 September 2014. The activities help to introduce children to books they haven't read before and also provide opportunities for them to remember and talk about books they have already enjoyed. Try choosing ones that are best suited to your children and their interests. Enjoy the celebration of books!


### Create a book buffet

1. Get a collection of books together that your children have not read before – borrow them from a library or friends! (If you are doing this activity at a reading club or in your classroom, you will need one book per child. If you are doing it at home, choose about 10 different books.)
2. Arrange the books in a circle on the floor or on the children's chairs or desks.
3. Ask the children to sit down and read one of the books until a timer goes off. (Set a timer or stop watch for about 5 to 8 minutes.)
4. When the timer goes off, the children need to move to the next book and read that one. It does not matter if they have not finished the previous book.
5. Let them carry on until they have had a chance to read all the books.



### Dress up

Encourage your children to dress up as their favourite book character. (If you are at a reading club, ask the parents and caregivers to help their children decide what they will wear.) You can keep it simple by letting the children make paper masks of the characters to wear. Have a parade and photo shoot of all the characters.



### Create a poster

Give your children large sheets of paper, crayons, kokis, glue, scissors, and old magazines and newspapers to use to make their own International Literacy Day posters. Encourage them to think about what message about reading and writing they want to communicate through their posters. Display their posters at home or at your reading club – or ask your local library to display them!



### Spread the word

Collect old books and magazines and put them in a decorated box outside your home or reading club. Make a sign which says: "Help yourself to one and enjoy reading it." Place the sign near or on the box and watch as people help themselves to reading material!

## Sebenzisa ubugcisa bakho!

Nazi iingcingane ezimbalwa ezingemisebenzi onokuyenza ukubhiyozela uSuku lweLitheresi lwaMazwe ngaMazwe kunye neVeki yeNcwadi kaZwelonke eqala ngomhla woku-1 ukuya kowe-6 kweyoMsintsi wama-2014. Le misetyenzana inceda ukwazisa abantwana iincwadi abangekazifundi kwaye ibanika amathuba okukhumbula nokuthetha ngeencwadi abakhe bazonwabela. Zama ukukhetha ezo zilungele abantwana bakho nezimalunga nezinto abanomdla kuzo. Yonwabela ukubhiyozelwa kweencwadi!

### Yila ingqokelela yeencwadi

1. Qokelela iincwadi abantwana bakho abangekazifundi – ziboleke kwithala leencwadi okanye kubahlobo! (Ukuba wenza lo msetyenzana kwiklabhu yokufunda okanye eklasini yakho, kufuneka umntwana ngamnye abe nencwadi yakhe. Kanti ke ukuba uwenza ekhaya, khetha malunga ne-10 leencwadi.)
2. Yakha isangqa ngeencwadi emgangathweni okanye usakhe ngezitulo uze ubeke iincwadi ezitulweni okanye kwiidesika zabantwana.
3. Cela abantwana bahlale phantsi bafunde enye yezo ncwadi kude kubethe intsimbi yokubala ixesha. (Beka ixesha okanye ukhalise intsimbi emva kwemizuzu emi-5 ukuya kwesi-8.)
4. Xa ibetha intsimbi, abantwana kufuneka baye kwenye incwadi bafunde yona. Akukhathaliseki nokuba abagqibanga ukufunda loo ncwadi yokuqala bebeyifunda.
5. Bavumele baqhube besenza oko bade babe balifumene ithuba lokuzifunda zonke iincwadi.



### Nxiba njengomnye wabalinganiswa

Khuthaza abantwana bakho ukuba banxibe njengabona balinganiswa babamthandayo. (Ukuba ukwiklabhu yokufunda, cela abazali kunye neempelesi ukuba bancede abantwana babo ukuba bathathe izigqibo zokuba baza kunxiba ntoni na.) Ungakwenza kube lula konke oku ngokuvumela abantwana ukuba benze iimaski zabo balinganiswa ngamaphepha, baze bazinxibe. Bambani umngcelele ukuze bafotwe bonke abalinganiswa.

### Zenzele ipowusta

Nika abantwana bakho amaxwebhu amakhulu amaphepha, iikhrayoni, iikhoki, iglu, izikere, kunye neemagazini ezindala namaphephandaba ukuze bazisebenzisele ukwenza ezabo iipowusta zoSuku lweLitheresi lwaMazwe ngaMazwe. Bakhuthaze ukuba bacinge ngomyalezo omalunga nokubhala nokufunda abafuna ukuwudlulisa ngeepowusta zabo. Xhoma iipowusta zabo ekhaya okanye kwiklabhu yakho yokufunda – okanye ucele usothala ukuba ahombise ngazo kwithala leencwadi lasekuhlaleni!

### Xelela nabanye

Qokelela iincwadi neemagazini ezindala uzifake ebhokisini ehonjisiweyo uze uyibeke ngaphandle ekhayeni lakho okanye kwiklabhu yakho yokufunda. Bhala kuyo uphawu oluthi: "Ungathatha ibenye wonwabele ukuyifunda." Beka uphawu olo ecaleni okanye phezu kwebhokisi leyo uze ubukele njengokuba abantu bezinceda ngokufunda ezo ncwadi!

## In your next Nal'ibali supplement:

- Passing on your family stories
- A cut-out-and-keep book, *Theo and the cat burglar*
- Enter our Heritage Day Family Stories competition
- A new Story Corner story, *Lwazi and the go-kart*

Ask the experts: Do you have a question about reading and writing with your children, or about reading clubs? Send your literacy questions to [info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org) with "Ask the experts" in the subject line. Our team of literacy experts will send you a response!

Find us on Facebook:  
[www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA)  
Sifumane kuFacebook:  
[www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA)



## Kuhlelo lwakho olulandelayo lweNal'ibali:

- Ukugqithisela kwabanye amabali osapho lwakho
- Incwadana onokuyisika-ze-uyigcine esihloko sithi, *UTheo kunye kunye nesela leekati*
- Ngenela ukhuphiswano lwethu lwamaBali oSapho oSuku lwamaFa eMveli
- Ibali elitsha leNdawo yamaBali elisihloko sithi, *ULwazi kunye nomatrayivethi*

Buza kwiingcali: Ingaba unombuzo omalunga nokufunda nokubhala kunye nabantwana bakho, okanye omalunga neklabhu yokufunda? Thumela imibuzo yakho yelitheresi ku-[info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org) uze ubhale u-"Ask the experts" kumqolo wesikhokelo-mxholo. Iqela lethu leengcali kwilitheresi liza kukuthumelela impendulo!

**Celebrate your story.**  
**Celebrate International Literacy Day.**



**Bhiyozela ibali lakho.**  
**Bhiyozela uSuku**  
**IweLitheresi IweHlabathi.**

